Isalathiso: 20200526-6249
Inombolo yefayili: 12/2/13/5
Imibuzo: UMlawuli weGET noMlawuli weFET

ISetyhula: 0014/2020
Umhla wokuphelelwa: 31/12/2020

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNqununu zezikolo eziziprayimari nezizisekondari

Isihloko: Ukukhutshwa kweziCwangciso ii-*Annual Teaching and Assessment Plans* ezihlaziyiweyo

1. Ngenxa yokubhengezwa kwe-*COVID-19* njengemeko yentlekele kazwelonke nguMongameli u-Ramaphosa nge-15 Matshi 2020, izikolo zavalwa ngoLwesithathu ukususela nge-18 Matshi 2020. Oku kubenefuthe kwixesha lokufundisa njengoko kuphulukenwe neentsuku ezininizi zesikolo.

2. Lo gama iSebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED*) liyinikileyo inkxaso, asiqinisekanga ukuba bangaphi na abafundi abaye baqhubeka neeprogram zokufunda zabo. Inyaniso ecacileyo kukuba oku kwaba yingxaki ngokwenene kuba abafundi abaninzi bakufumene kunzima okanye abakwazanga ukuba bafikelele kwinkxaso ebonelwe liSebe iWCED neSebe leMfundo esiSiseko (DBE).

3. Ukuthomalalisa ifuthe lemiqathango yokumiswa ngxi kweentshukumo ngenxa ye-*COVID-19*, iSebe *iDBE* lisebenzisana namaSebe eMfundo amaPhondo nabanye abachaphazelekayo,ukuyilungelelanisa ikharityhulam ukuqinisekisa ukuba abafundi kwibakala ngalinye baya kufumana izakhono zezifundo ezingundoqo, ulwazi, iindlela zokucinga neemfundiso ezisisiseko ezinako ukufundiswa kunyaka wekhalenda yesikolo ehlaziyiweyo.

4. Iinjongo eziphambili zekharityhulam elungelelanisiweyo nemigqaliselo exhasa ukulungelelaniswa nokucwangciswa kwakhona kwekharityhulam kucacisiwe kwiSetyhula yeSebe *iDBE* i-*Circular No. S2 /2020* (makufundwe **isiHlomelo A**).

5. Amaxwebhu ezifundo kuqukwa ne-*Revised Content Overview documents* ne-*Revised Annual Teaching Plans* anokufunyanwa ngokusebenzisa le linki ilandelayo: https://wcedeportal.co.za/eresource/109951 (**isiHlomelo B**).

6. La maxwebhu ubukhulu becala ngamaxwebhu amaBakala 7 nele-12. Amaxwebhu amanye amabakala aya kukhutshwa ekuhambeni kwethuba kwezi veki zizayo.

7. Amaxwebhu ayinguqulelo yesi-Afrikansi ala maxwebhu kuya kwabelana ngawo ngokufakwa kwi-ePortal yethu ngokukhawuleza akugqitywa.

8. Ngokumalunga novavanyo oluqhubekela esikolweni (*SBA*), kuya kubakho ukuncitshiswa kovavanyo lokujonga ulwazi (*summative assessment)* ukwenzela ukuba kugxininiswe ngokungaphezulu kuvavanyo olunenjongo yokufunda. Iinkcukacha ngenani lemisebenzi ye-SBA ngebakala ngalinye ziya kwaziswa kungekudala. Ootitshala baya kufumana inkxaso ngokuphunyezwa kwekharityhulam elungelelanisiweyo kuBacwangcisi beKharityhulam aBakhulu kwaNdlunkulu kwakunye nakuBacebisi ngeZifundo kwizithili.

9. Ziyacelwa iinqununu ukuba zabelane ngala maxwebhu nabo bonke ootitshala ngokukhawuleza ukwenzela ukuba benze izicwangciso besebenzisa le kharityhulam ilungelelanisiweyo.

ISAYINWE: NGU-BK SCHREUDER
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOPHUHLISO NOQUQUZELELO LWAMAZIKO
UMHLA: 2020-05-26